## IZIQULATHO

1 INTSHAYELELO .......... 1

2 IMVELAPHI .......... 2

3 INGXELO YENGXAKI .......... 3

4 IMIGAQO EKHOKELAYO .......... 4

5 IINTSIKA EZINGUNDOQO ZESIKHOKELO .......... 4

5.1 Ulawulo lwangaphakathi kunye noxanduva .......... 4

5.1.1 Umgaqo-siseko .......... 4

5.1.2 Uxanduva LwezeMali noKubonakala Okucacileyo .......... 5

5.1.3 Iicawa Ezasekwa Ngabemi Bamanye Amazwe Nemibutho Yangaphandle 5

5.2 Ikhowudi Yokuziphatha Neyokusebenza .......... 6

5.3 Ukuthotyelwa koMthetho neMimiselo .......... 6

6 UKUPHUNYEZWA KWESIKHOKELO .......... 8

6.1 Ibhunga lamaKrestu leeNqobo Zokuziphatha Noxanduva (CPCEA) .......... 8

6.2 Ukuqinisekiswa kune “Nophawu Lokuma Kakuhle” .......... 8

6.3 Ukusonjululwa Kweengxabano Nezohlwayo .......... 9

7 ISIPHELO .......... 9

ISICHAZI-MAGAMA .......... 11

ISIHLOMELO A: ISICWANGCISO SENKQUBO YOTHELELWANO MALUNGA NOYILO LWESIKHOKELO SOKUZILAWULA KWEQONGA LOBUKRESTU .......... 12

## 1 INTSHAYELELO

**NJENGOKUBA** amalungelo enkolo ebonelelwa ngamaCandelo 15 nama-31 oMgaqo-siseko weRiphabhliki yaseMzantsi Afrika ka-1996.

(i) ICandelo 15(1) *lithi: "Wonk' ubani unelungelo lokwenza ngokwesazela sakhe, unenkululeko yokunqula, yokucinga, yokukholelwa, nokuba noluvo lwakhe."*

*(ii)* ICandelo 31(1) lithi: *Abantu abangabenkcubeko ethile, abangabonqulo oluthile, okanye abangabolwimi oluthile abanakulibandezwa ilungelo, bekunye nabanye abantu boluntu lwakowabo: (a) lokuyonwabela inkcubeko yabo, lokunqula ngokonqulo lwabo, nelokusebenzisa ulwimi lwabo; (b) nelokusungula imibutho yenkcubeko, yonqulo, neyolwimi, aze umntu azimanye nayo kwaye ayilondoloze, kunye neminye imibutho yoluntu.*

**KANANJALO**, iKhomishini yokuKhuthaza nokuKhusela amaLungelo eeNkcubeko, eeNkolo neeLwimi (iKhomishini yeCRL) iseke iKomiti ngokweCandelo lama-22 loMthetho we-19 ka-2002. IKomiti yeCandelo lama-22 yeQonga lobuKrestu yasekwa ngenjongo yokuphumeza uxanduva lwayo, ukumisela imigangatho yolawulo olululo lweecawa ngabantu nangenxa yabantu, nokukhuthaza nokuxhasa imimiselo yoMgaqo-siseko weRiphabhliki yaseMzantsi Afrika kunye neZibhalo eziNgcwele. Kule meko, uMpostile uPetros uthathwa njengomzekelo ngokuka-1 Petros 5:2–3.

> *"Waluseni umhlambi kaThixo eniphakathi kwawo. Lo msebenzi ke sanukuwenza kuba ninyanzelekile, koko wenzeni nizimisele, njengoko noThixo ethanda njalo. Sanukusebenza kuba nincwase inzuzo, koko sebenzani ngokuzinikela. Sanukulawula ngegqudu, koko yibani ngumzekelo kuwo umhlambi."*

**KANANJALO**, abemi beRiphabhliki yaseMzantsi Afrika bahluke ngeenkcubeko, ngeelwimi, ngeenkolo nangendlela abazenza ngayo iinkonzo zabo, kwaye bakhuselwe ngokupheleleyo lilungelo loMgaqo-siseko lenkululeko yenkolo, yokukholwa kunye noluvo.

**NANGONA KUNJALO**, kukho iingcinga okanye izimvo ezithi isikhokelo somthetho esikhoyo ngoku asonelanga ukujongana nazo zonke iintlobo zolwaphulo-mthetho nokuxhatshazwa okwenzeka ngaphakathi kweecawa.

**KANANJALO**, naluphi na uhlobo lolawulo lweQonga lobuKrestu, kuquka

nokuzilawula, ngamanye amaxesha lusetyenziswa njengendlela yokoyikisa abantu nokudala uluvo olubi malunga neKomiti yeCandelo lama-22.

**NGOKO KE**, olu Yilo lweSikhokelo sokuZilawula kweQonga lobuKrestu kwiRiphabhliki yaseMzantsi Afrika lupapashwa phantsi koMgaqo-siseko kunye noMthetho weKhomishini yokuKhuthaza nokuKhusela amaLungelo eeNkcubeko, eeNkolo neeLwimi ka-2002 (uMthetho we-19 ka-2002). Injongo yalo kukuphumeza umoya nenjongo yaloo mthetho, ngakumbi ngokubhekiselele ekukhokelweni kokwenziwa kweenkonzo zecawa, ekuqeqesheni nasekulawuleni iinkokeli zecawa namalungu ayo, kunye nokuqinisekisa ukhuseleko olwaneleyo loMqulu waMalungelo wabantu. Olu xwebhu luquka la macandelo alandelayo: Imvelaphi, Ingxelo Yengxaki, Imigaqo Ekhokelayo, Iintsika Ezingundoqo Zesikhokelo, Izikhokelo zeKhowudi Yokuziphatha, Ingxelo yeNkxaso, Isiphelo.

## 2 IMVELAPHI

2.1 IKhomishini yeCRL, ngokweCandelo lama-22 loMthetho wokuKhuthaza nokuKhusela amaLungelo eeNkcubeko, eeNkolo neeLwimi ka-2002 (uMthetho we-19 ka-2002), yaseka iKomiti yeThutyana yeQonga lobuKrestu equka abameli bemibutho emikhulu emele amaqela ahlukeneyo eQonga lobuKrestu.

2.2 IKomiti yeThutyana yeCandelo lama-22 iyayazi kwaye iyayamkela ingxelo yeKhomishini yeCRL malunga uxhatshazo olwenzeka ezicaweni, eyangeniswa ePalamente ngo-2017. Ikwaphawula neengcebiso zeKomiti yePotfoliyo yePalamente zango-2018, ezakhokelela ekusekweni kwale Komiti yeCandelo lama-22 kunye nentlanganiso yesizwe yothethwano eyabanjwa ngo-2019.

2.3 IKomiti yeThutyana yeCandelo lama-22 inoxanduva lokuqhuba uthethwano nawo onke amaqela nemibutho yobuKristu kulo lonke ilizwe malunga nokuphuhliswa kwesikhokelo somthetho esiza kubonelela ngoku kulandelayo:

(a) Ukusekwa kweBhunga leQonga lobuKrestu leeNqobo Zokuziphatha noXanduva, elimela zonke iinkonzo namahlelo obuKristu.

(b) Ukubhaliswa kwamaziko eQonga lobuKrestu ngokweendidi ezahlukeneyo zamahlelo neenkonzo.

(c) Ukubhaliswa kwabefundisi, abasebenzi nabakhonzi beQonga lobuKrestu ngokweendidi ezahlukeneyo zamahlelo neenkonzo.

(d) Ukuphuhliswa kweKhowudi Yokuziphatha neeNqobo Zokuziphatha yabo bonke abasebenza kwiQonga lobuKrestu.

## 3 INGXELO YENGXAKI

3.1 Nangona kuqatshelwa ukwahluka kweecawa okusekelwe kwiindlela ezisemthethweni kodwa ezahlukeneyo zokutolikwa kweZibhalo eziNgcwele, ezinye iicawa zisebenzisa loo mahluko ukugxeka, ukuhlazisa nokuhlutha ezinye iicawa isidima sazo. Oku kubangela ukuba iBandla lingakwazi ukuthetha ngazwi linye ekuchaseni izenzo ezingekho sikweni nezingahambelaniyo nemigaqo yokuziphatha.

3.2 Kukho ukuchasana nokuzilawula kwemibutho yeecawa, okusekelwe ekungaqondini kakuhle amalungelo oMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika anika abantu ngabanye kunye namaqela ilungelo lokuzilungiselela ngokuzithandela ngokwenkolo neenkolelo zabo. Oku kusetyenziswa ukulahlekisa amakholwa ngokuthi urhulumente ufuna ukulawula inkolo ngendlela engenasiseko nengahambelaniyo noMgaqo-siseko.

3.3 Ukungabikho kwemigangatho nemimiselo yokuvunywa kwamaziko kuthintela iicawa ekufumaneni indlela efanayo yokujongana nemingeni yokuziphatha neyeenqobo zokuziphatha ngaphakathi kweQonga lobuKrestu.

3.4 Ukungabikho kolawulo kubangela ukusekwa kweecawa ngaphandle kwemimiselo efanelekileyo. Oku kubeka emngciphekweni impilo-ntle yakumoya yabemi kunye nozinzo lwezoqoqosho lwelizwe ngenxa yokuhamba kwemali ngokungekho mthethweni kunye nokusetyenziswa kwezinto ezinxilisayo.

3.5 Kukho umkhwa okhulayo wokwenza iicawa zibe ngamashishini endaweni yokuhlangabezana neemfuno zabantu zakumoya.

3.6 Abantu abamsulwa, ngakumbi abo basesichengeni nabahlelelekileyo njengamahlwempu, abantu abaphila nokukhubazeka kunye nabo baphila nezifo ezinganyangekiyo, bayaxhatshazwa phantsi kwesithembiso sokuba baza kufumana ukuphiliswa kunye nempumelelo.

3.7 Ukuxhatshazwa kwamalungu eecawa sele kuyinto eqhelekileyo, apho abanye banyanzelwa ukuba batye izinto eziyingozi, izilwanyana ezingahlambulukanga okanye ezinye izinto ezingafanelekanga ukutyiwa ngabantu egameni lokuphiliswa nokukhululwa.

3.8 Ukunganyamezelani ngokwenkolo, ucalucalulo olungenabulungisa kunye nokungawuxabisi umahluko phakathi kwabantu sele kuyinto eqhelekileyo. Eminye imibutho yobuKrestu sele iqhele ukungahloniphi nokunganyamezeli ezinye iicawa ngenjongo yokutsala amalungu azo. Eminye imibutho ikwacalula amaqela athile ngenxa yonqulo okanye amahlelo awo.

## 4 IMIGAQO EKHOKELAYO

Esi sikhokelo sisekwe luluntu lwamaKrestu aseMzantsi Afrika kwaye senzelwe lona. Eyona njongo yaso iphambili kukukhuthaza inkcubeko yokusebenza ngokucacileyo, ukuthwala uxanduva kunye nobunkokeli obuziphethe kakuhle kwimibutho yobuKrestu. Ngale ndlela siqinisa ukuthembeka kokuziphatha kunye nokwakha ukuthembela koluntu. Esi sikhokelo sakhelwe kule migaqo ilandelayo:

***Ukuzimela Okuhamba noXanduva:*** Ukuhlonitshwa kwenkululeko yeenkolelo zenkolo kunye nokuzimela kweemfundiso zenkolo, kodwa oku kuhamba nokuzibophelela ngokuzithandela kulawulo olulungileyo nolusekelwe kwiinqobo zokuziphatha.
***Ukunyaniseka:*** Ukugcina eyona migangatho iphezulu yokuziphatha neyeenqobo zokuziphatha kuyo yonke imisebenzi.
***Ukusebenza Ngokucacileyo:*** Ukusebenza ngendlela eselubala necacileyo.
***Uxanduva:*** Ukuzimisela ukuthwala uxanduva lwezenzo zomntu okanye zombutho phambi kwamalungu, amaqabane, uluntu ngokubanzi kunye namaziko karhulumente.
***Inkonzo:*** Ukuzibophelela ekuphuculeni impilo-ntle yamalungu kunye nokukhuthaza uphuhliso lwentlalo noqoqosho kwiindawo zaseMzantsi Afrika.
***Ukuqwalasela Abanye:*** Ukwamkela nokuhlonipha imibutho eyahlukeneyo yobuKrestu kungakhathaliseki ubukhulu bayo, indawo ekuyo, imeko yayo yezoqoqosho nentlalo, amanqanaba emfundo yamalungu ayo okanye uhlobo lombutho, nokuba ngowesintu okanye ngowale mihla.

## 5 IINTSIKA EZINGUNDOQO ZESIKHOKELO

Esi sikhokelo sakhelwe phezu kweentsika ezintathu ezinxibeleleneyo, ezizezi: Ulawulo Lwangaphakathi noXanduva, IKhowudi Yokuziphatha Neyokusebenza, kunye Nokuthotyelwa koMthetho neMimiselo.

### 5.1 Ulawulo lwangaphakathi kunye noxanduva

Ukuqinisekisa ulawulo olululo nolusebenzayo ngaphakathi, yonke imibutho yobuKrestu ethatha inxaxheba kufuneka yamkele kwaye iphumeze ezi zakhiwo neenkqubo zilandelayo.

#### 5.1.1 Umgaqo-siseko

5.1.1.1 Iziko ngalinye kufuneka libe nomgaqo-siseko obhaliweyo, ocacileyo

noqondakalayo ochaza imigaqo-siseko yalo, indlela yonqulo, injongo, umbono, iimfuno zobulungu, iinkqubo zobunkokeli nolawulo, kuquka ukuqeshwa kweenkokeli, iindima noxanduva lwazo, ulawulo lwezemali kwakunye neentlanganiso ezibalulekileyo ezifana neentlanganiso zonyaka zamalungu.

5.1.1.2 Umgaqo-siseko kufuneka uchaze ngokucacileyo iinkqubo zokunyulwa nokususwa kweenkokeli namalungu amaqumrhu olawulo.

5.1.1.3 Iicawa ziyakhuthazwa ukuba ziphuhlise imigaqo-nkqubo ehambelana nemigaqo-siseko yazo kunye neendlela zazo zokusebenza.

### 5.1.2 Uxanduva LwezeMali noKubonakala Okucacileyo

5.1.2.1 Iingxelo ZezeMali Zonyaka: Amaziko kufuneka alungise iingxelo neengxelo-mali zonyaka.

5.1.2.2 Ukuvunywa Kohlahlo-lwabiwo-mali: Iqumrhu lolawulo kufuneka livume uhlahlo-lwabiwo-mali, kwaye naluphi na utshintsho olubalulekileyo kufuneka luchazwe kwaye lubhalwe phantsi.

5.1.2.3 Ukubhengezwa Kolwazi: Iingxelo zonyaka kufuneka zenziwe zifumaneke kumaqumrhu afanelekileyo.

5.1.2.4 Ukwahlulwa Kwemisebenzi: Kufuneka kuqinisekiswe ukuba akukho mntu omnye onolawulo olupheleleyo kwiintengiselwano zemali. Umzekelo, umntu ogunyazisa intlawulo akufanekanga kube kwangulowo oyibhala phantsi.

5.1.2.5 Ukubhengezwa Kwengeniso: Yonke imithombo yengeniso kufuneka ibhengezwe ngokupheleleyo nangokucacileyo.

### 5.1.3 Iicawa Ezasekwa Ngabemi Bamanye Amazwe Nemibutho Yangaphandle

5.1.3.1 Amalungu aseka umbutho kufuneka abe ngabantu abathobela imithetho kumazwe abo nakwiRiphabhliki yaseMzantsi Afrika. Oku kuthetha ukuba kufuneka abe nepasipoti esemthethweni, abe semthethweni eMzantsi Afrika, angabinarekhodi lolwaphulo-mthetho kwaye athobele imithetho yerhafu, phakathi kwezinye iimfuno.

5.1.3.2 Abemi bamanye amazwe baya kuvunyelwa ukuseka amasebe kwiRiphabhlikhi kuphela xa benombutho wobuKrestu owamkelwayo

kwilizwe labo lemvelaphi.

5.1.3.3 Iqumrhu lolawulo lecawa yasekuhlaleni kufuneka libe nesininzi samalungu angabemi boMzantsi Afrika kunabemi bamanye amazwe.

## 5.2 Ikhowudi Yokuziphatha Neyokusebenza

5.2.1 Onke amaziko kufuneka amisele iKhowudi Yokuziphatha Nezokusebenza, ekufuneka bonke abasebenzi namalungu bazibophelele ekuyithobeleni.

5.2.2 Ubuncinane, le Khowudi Yokuziphatha kufuneka igunyazise onke amalungu, kuquka abo bakwizikhundla zobunkokeli nabasebenzi ukuba:

5.2.2.1 Benze ngokunyaniseka, ngobulungisa nangovelwano kubomi babo phakathi koluntu nakubomi babucala.

5.2.2.2 Baphephe naluphi na uhlobo lokuziphatha olunokuhlazisa umbutho okanye uluntu lwamaKrestu ngokubanzi.

5.2.2.3 Baphephe ukuziphatha kakubi ngokwesondo, ukuxhaphaza okanye naluphi na uhlobo lwempatho embi.

5.2.3 Abefundisi kufuneka bagcine imida efanelekileyo yobungcali xa besebenzisana namalungu ecawa, ngakumbi nabantwana kunye nabantu abadala abasemngciphekweni.

5.2.4 Abo bakwizikhundla ezilawulayo mabangazisebenziseli inzuzo yabo.

5.2.5 Amalungu kufuneka aphephe ukungqubana kwemidla. Xa kukho amathuba okuba kubekho ukungqubana kwemidla, oko kufuneka kubhengezwe kwiqumrhu lolawulo.

5.2.6 Ukusebenza ngokucacileyo kufuneka kugcinwe kuyo yonke imisebenzi yokuqokelela imali, kwaye injongo yemali eqokelelwayo kufuneka ichazwe ngokucacileyo.

5.2.7 Ulwazi okwabelwana ngalo kwiimeko zeenkonzo zobufundisi okanye zokucebisa kufuneka lugcinwe luyimfihlo, ngaphandle kokuba umthetho ufuna ukuba lubikwe, njengakwimeko zokuxhatshazwa kwabantwana okanye xa kukho isoyikiso esicacileyo sokwenzakala.

5.2.8 Kufuneka kubekho ukuzibophelela ekuphatheni bonke abantu ngesidima nangentlonipho, nokuba bangabobuphi na ubuhlanga, isini, imvelaphi okanye imeko yabo yentlalo noqoqosho.

## 5.3 Ukuthotyelwa koMthetho neMimiselo

5.3.1 Imibutho ethatha inxaxheba kufuneka izibophelele ekusebenzeni ngokuhambelana nemithetho yoMzantsi Afrika.

5.3.2 Imibutho yeQonga lobuKrestu kufuneka ibhaliswe njenge: Umbutho Ongajonganga Nzuzo (NPO) kwiSebe loPhuhliso loLuntu; okanye njengeNkampani Engajonganga Nzuzo (NPC) kwiKomishoni yeeNkampani namaLungelo ePropathi yoBuchule (CIPC); okanye phantsi kwalo naluphi na olunye uhlobo lombutho olwamkelwa ngumthetho. Eli nyathelo libalulekile ekwakheni ukuthembeka nokunyaniseka kombutho.

5.3.3 Ibhaliswe kwa-SARS njengoMbutho woNcedo loLuntu (Public Benefit Organisation – PBO), ukuze kukhutshwe iirisithi ezivumela ukuncitshiswa kwerhafu ngokweCandelo 18A.

5.3.4 Amaziko kufuneka athobele yonke imithetho yerhafu, kuquka i-PAYE yabasebenzi kunye ne-VAT apho kufanelekileyo.

5.3.5 Iirekhodi zezemali ezichanekileyo kufuneka zigcinwe ubuncinane iminyaka emihlanu njengoko kufunwa ngumthetho.

5.3.6 Kufuneka kuthotyelwe: uMthetho weMiqathango eSisiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act); uMthetho woBudlelwane eMsebenzini (Labour Relations Act); kunye noMthetho woLingano kwezeNgqesho (Employment Equity Act). Bonke abasebenzi kufuneka banikwe izivumelwano zomsebenzi.

5.3.7 Kufuneka kuqinisekiswe ukuba zonke izakhiwo neendawo zisemgangathweni ofunekayo wezempilo nokhuseleko.

5.3.8 Kufuneka kuphunyezwe uMgaqo-nkqubo oluqilima woKhuseleko lwaBantwana, oquka ukuhlolwa okufanelekileyo kwabo bonke abasebenzi namavolontiya asebenza nabantwana nabantu abasemngciphekweni, ngokuhambelana neRejista yeSizwe yoKhuseleko lwaBantwana.

5.3.9 Kufuneka kuthotyelwe uMthetho woKhuseleko loLwazi loBuqu (POPIA) ngokuqokelela, ukugcina nokusebenzisa iinkcukacha zamalungu nabaxhasi ngendlela enoxanduva.

5.3.10 Kufuneka kufunyanwe iimvume okanye izatifikethi zokusebenzisa izakhiwo ezivela kumagunya asekuhlaleni. La magunya kufuneka anike inkxaso efanelekileyo apho kuyimfuneko.

## 6 UKUPHUNYEZWA KWESIKHOKELO

Ukuze kuqinisekiswe ukuba esi Sikhokelo sisebenza ngokufanelekileyo kwaye sifezekisa iinjongo zaso, kuya kusekwa iqumrhu lesizwe elizimeleyo eliza kulawula, lilandelele kwaye lixhase ukuphunyezwa kwaso.

### 6.1 Ibhunga lamaKrestu leeNqobo Zokuziphatha Noxanduva (CPCEA)

6.1.1 IBhunga LamaKrestu Leenqobo Zokuziphatha noXanduva (Christian Practice Council for Ethics and Accountability – CPCEA) liya kusebenza njengequmrhu elizimeleyo eliquka iinkokeli zamaKrestu ezihlonitshwayo ezivela kwiimvelaphi ezahlukeneyo, kwakunye neengcali ezingamaKrestu kwezomthetho, kwezemali nakwiinqobo zokuziphatha. I-CPCEA iya kuthi, apho kufanelekileyo, ithathe inxaxheba kwiBhunga labaSebenzi bezeNkolo eliza kusekwa yiKhomishini yeCRL ngokungqinelana neMiqathango yokuSebenza yeKomiti yeCandelo lama-22.

6.1.2 Imisebenzi yeBhunga iya kubandakanya, kodwa ingapheleli koku kulandelayo:

6.1.2.1 Ukugcina irejista yoluntu yemibutho yobuKrestu eyamkele ngokuzithandela esi Sikhokelo yaza yaqinisekiswa phantsi kwaso.

6.1.2.2 Ukuphuhlisa izikhokelo ezibanzi nezixhobo zokuncedisa imibutho ekuphumezeni esi Sikhokelo.

6.1.2.3 Ukubonelela ngoqeqesho malunga nolawulo, ulawulo lwezemali kunye neenqobo zokuziphatha.

6.1.2.4 Ukwamkela nokuphanda ngokuyimfihlo izikhalazo ezijoliswe kwimibutho engamalungu malunga nokwaphulwa kwesi Sikhokelo.

### 6.2 Ukuqinisekiswa kune "Nophawu Lokuma Kakuhle"

6.2.1 Imibutho ekwaziyo ukubonisa ukuba iyayithobela imiqangatho yesi Sikhokelo (umzekelo ngokungenisa imigaqo-siseko yayo, imigaqo-nkqubo eyamkelweyo kunye nobungqina bokuthobela iimfuno zikarhulumente zonyaka ezifana ne-

NPO kunye nemicimbi yerhafu) iya kunikwa yi-CPCEA: “uPhawu Lokuma Kakuhle” (Seal of Good Standing).

6.2.2 Olu phawu luya kuba bubungqina kuluntu bokuba umbutho uzibophelele ekuthwaleni uxanduva nasekuziphatheni ngendlela efanelekileyo. Luya kunceda amalungu eecawa, abaxhasi kunye nabanikeli ukuba benze izigqibo ezinolwazi malunga nemibutho abafuna ukusebenzisana nayo okanye ukuyixhasa.

**6.3 Ukusonjululwa Kweengxabano Nezohlwayo**

6.3.1 I-CPCEA iya kuseka inkqubo enobulungisa, ecacileyo nethembekileyo yokusingatha izikhalazo neengxabano.

6.3.2 Izohlwayo zokungathobeli esi Sikhokelo zinokubandakanya: ukufuna umbutho ukuba uthathe amanyathelo okulungisa iimpazamo; ukunqunyanyiswa okwethutyana koPhawu Lokuma Kakuhle; ukususwa kombutho kuluhlu lwemibutho eqinisekisiweyo; ukwaziswa koluntu kwiimeko ezinzima okanye xa ukwaphulwa kwemigaqo kuqhubeka ngokuphindaphindiweyo.

## 7 ISIPHELO

7.1 Olu yilo lweSikhokelo sokuZilawula alujolisanga kulawulo lwenkolo ngurhulumente. Endaweni yoko, linyathelo lokuzithandela elithathwe luluntu lwamaKristu ngenjongo yokukhusela ingqibelelo yalo, ukubuyisela nokomeleza ukuthembela koluntu, nokuqinisekisa ukuba ubuKrestu buyaqhubeka ukuba ngamandla okulungileyo kuluntu lwaseMzantsi Afrika. Ngokwamkela esi Sikhokelo, imibutho yobuKrestu iqinisekisa ukuba ukholo lokwenene alubonakali kuphela ekushumayeleni, kodwa nakwizenzo ezisekelwe kwimigaqo yokuziphatha nasekuthwaleni uxanduva.

7.2 Esi Sikhokelo sokuZilawula saseMzantsi Afrika esicetywayo sibalulekile kwaye sihambelana nezona ndlela zibalaseleyo zamazwe ngamazwe, ngelixa silungelelaniswe neemeko neemfuno zaseMzantsi Afrika.

7.2.1 Ukuphepha iimeko ezigqithisileyo: Esi Sikhokelo silandela indlela esembindini phakathi kweendlela ezinolawulo olungekho qatha, iindlela ezinobungozi obukhulu kunye neendlela ezilawulwa kakhulu ngurhulumente.

7.2.2 Esi Sikhokelo silandela imizekelo yamazwe aphambili ngokugxininisa ukusebenza ngokucacileyo, ulawulo olululo kunye noxanduva ngokusebenzisa uPhawu Lokuma Kakuhle.

7.2.3 Inyathelo Elifanelekileyo Nelifike Ngexesha: Kukho umkhwa ocacileyo kwihlabathi lonke wokwandisa uxanduva lwemibutho. Ngokuzilawula ngendlela eluqilima, imibutho yobuKristu yaseMzantsi Afrika ingakhokela olu tshintsho, ikhusele ukuzimela kwayo kwaye iphinde ibuyisele ithemba kuluntu.

7.2.4 Ukuvala Izikhewu Ezibalulekileyo: Ukugxininisa kwesi Sikhokelo kwiKhowudi Yokuziphatha nakuKhuseleko lwaBantwana kujongana ngqo nezona zizathu zixhaphakileyo zokungaphumeleli kwamaziko kwihlabathi liphela. Ngoko ke, esi Sikhokelo asisosixhobo sokuthobela imithetho kuphela, kodwa siyindlela ebalulekileyo yokulawula umngcipheko nokuqinisekisa ingqibelelo yeenqobo zokuziphatha.

**ISICHAZI-MAGAMA**

| | |
|---|---|
| **Imibutho YobuKrestu** | Iqela lemibutho elakhiwe phezu kweenkolelo ezifanayo zobuKrestu ngenjongo yokukhulisa ukholo okanye ukunceda abantu ngokusekelwe kwimigaqo yobuKrestu. Oku kubandakanya iicawa, amaziko obufundisi neminye imibutho eyahlukeneyo, emanyaniswe lukholo olunye kodwa yahluke ngeendlela zolawulo, zonqulo, zeenkonzo nemisebenzi yayo. |
| **IQonga lobuKrestu** | Libhekisa kuzo zonke iimvaba, iicawa nemibutho engaphantsi kobuKrestu. |
| **IBhunga LeQonga lobuKrestu Leenqobo Zokuziphatha noXanduva** | IBhunga elisekelwe ukuphuhlisa nokulawula isiKhokelo sokuZilawula esijolise kwiinqobo zokuziphatha nakuxanduva lwabo bonke abasebenzi nabakhonzi beQonga lobuKrestu. |
| **IKomiti yeThutyana yeCandelo lama-22** | IKomiti esekwe yiKhomishini yokuKhuthaza nokuKhusela amaLungelo eeNkcubeko, eeNkolo neeLwimi yaseMzantsi Afrika ngenjongo yokujongana nokuxhatshazwa, ukukhuthaza uxanduva nokuphuhlisa inkqubo yokuzilawula kwicandelo lobuKrestu. |
| **Ukuzilawula** | Imigaqo, imigangatho kunye neekhowudi zokuziphatha ezijolise ekukhuthazeni ukusebenza kakuhle, ukuqinisekisa uxanduva nokwakha ukuthembela koluntu, eziphuhliswa, zixhaswe kwaye ziphunyezwe liQonga lobuKrestu ngokwalo. |

## ISIHLOMELO A: ISICWANGCISO SENKQUBO YOTHELELWANO MALUNGA NOYILO LWESIKHOKELO SOKUZILAWULA KWEQONGA LOBUKRESTU

IKomiti yeCandelo lama-22 iya kuqhuba uthethwano kwinqanaba lesizwe nabachaphazelekayo abohlukeneyo isebenzisa iindlela ezininzi zokuqokelela izimvo, iingcebiso namagqabantshintshi phambi kokugqitywa kweSikhokelo sokuZilawula seQonga lobuKrestu.

Abachaphazelekayo abaza kubandakanywa baquka:

1. Imibutho emikhulu emele amaKrestu kunye neminye imibutho yobuKrestu;
2. Iinkokeli zeMveli;
3. Iinkokeli zeeMvaba ngeeMvaba zobuKrestu;
4. Abefundisi bemibutho yobuzalwana kunye nabefundisi ngabanye;
5. Amalungu obuKrestu kunye nabasinde ekuxhatshazweni;
6. Amaziko afanelekileyo eSahluko 9 (umzekelo iKomishini yoLingano ngokweSini kunye neKomishini yamaLungelo oLuntu);
7. AmaSebe kaRhulumente afanelekileyo (umzekelo iCOGTA kunye neSebe leMicimbi yezeKhaya);
8. Uluntu ngokubanzi;
9. Ukuthelekisa namanye amaqumrhu afanelekileyo (umzekelo iBhunga leeNgcali zezeMpilo kunye neBhunga lamaGqwetha);
10. Ukuthelekisa namanye amazwe;
11. Uthethwano lwezeTheology, lwezeMfundo nolwezoMthetho;
12. Ukugqibezela ingxelo kunye nokuyinikezela kwiKomiti yePotfoliyo yePalamente;
13. Ukusekwa kweBhunga leQonga lobuKrestu leeNqobo Zokuziphatha noXanduva.